Isalathiso: 20191023-783
Inombolo yefayili: 4/1/4 (2019-2020)
Imibuzo: MJ Comer

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0004/2019

Iya: KwiNtsumpa-Jikelele, kumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zawo onke amacandelwana namacandelo, nakuwo onke amagosa ajongene nokunikwa nokwamkelwa kwezipho, amalizo neenkxaso-mali *(gifts, donations and sponsorships*)

ISihloko: Isikhokelo sokunikwa nokwamkelwa kwezipho, amalizo (*donations*) neenkxaso-mali (*sponsorship*) nguRhulumente

1. **Injongo**

Injongo yale ngcaciso imfutshane kukuqwalasela imiba ebalulekileyo emalunga nokunikwa nokwamkelwa kwezipho, amalizo neenkxaso-mali liSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED), ukunika iingcebiso ngokumalunga noku nokwenza ingxelo ngoku kwiingxelo-mali zaqho ngonyaka.

2. **Isikhokelo semithetho esebenzayo**

2.1 Isiqendu 44 **soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999) (*Public Finance Management Act (PFMA), 1999 (Act 1 of 1999*)),** njengoko ufakelwe izilungiso**,** sinika igunya igosa eliphendula ngosetyenziswa kwemali *(accounting officer (AO))* leSebe iWCED, lokuba lidlulisele nawaphi na amagunya eliwaphathisiweyo lona ngokwalo okanye adluliselwe ngokwalo Mthetho kwigosa elikwiSebe iWCED, okanye lokuyalela naliphi na igosa ukuba lenze nayiphi na imisebenzi eliyinikiweyo ngokwalo Mthetho. ISiqendu 76(1)(l) se-*PFMA* sikwamisela ukuba uNondyebo kaZwelonke (*National Treasury*) makenze imimiselo (*regulations)* emalunga nezipho okanye amalizo enziwa nguRhulumente okanye anikwa uRhulumente.

2.2 IMimiselo i-***National Treasury Regulations (NTR)*** yakhutshwa ngokwesiqendu 76 se-*PFMA*. I-*NTR 21.1* isebenza kwizipho, amalizo neenkxaso-mali ezenziwa nguRhulumente yaye i-*NTR 21.2* isebenza xa zisamkelwa kwanguRhulumente ngokunjalo.

3. **Imvelaphi**

3.1 Makwenziwe umahluko ocacileyo phakathi kwezipho, amalizo, neenkxaso-mali ezifunyanwa nguRhulumente nemazisetyenziselwe iinjongo zesebe nezipho ezifunyanwa ngamagosa wona ziqu ezivela ebantwini jikelele okanye kubathengisi njengezibonisa ukuba nombulelo/ukuqaphela inkonzo entle abayenzelweyo. Ezikhankanywe kuqala zixhomekeke ekuvunyweni kwazo ngokwemigqaliselo *(prescripts)* yaye makunikwe ingxelo ngazo kwiingxelo-mali zaqho ngonyaka zeSebe iWCED, lo gama ezi zikhankanywe mva zinokwamkelwa ngamagosa ziqu kodwa ngokuxhomekeke kuMgaqo-nkqubo *Policy on the Acceptance of Gifts by Office-Based Officials and Office-Based Educators of the Western Cape Education Department, 2019*.

3.2 Igunya lokuvuma ukunikwa nokwamkelwa kwezipho, amalizo neenkxaso-mali nguRhulumente okanye kuye uRhulumente egameni leSebe le*WCED*, ligunya elidluliselwe kwigosa eliphendula ngokusetyenziswa kwemali (AO) ubukhulu becala. Uxwebhu lwakutshanje **lokuDluliselwa kwaMagunya ezeMali** (***Financial Delegation of Powers)*** ligosa eliphendula ngokusetyenziswa kwemali (AO) lolomhla we-22 Agasti 2016. Ngokoxwebhu lwe-***financial delegation no* 15.1, umlawuli oyintloko** unegunya **lokuvuma ukunikwa izipho, amalizo neenkxaso-mali** nguRhulumente ezifikelela kwi-R10 000 esona sixa sikhulu. Izixa ezingaphezu kwe-R10 000 ukuya kwizixa ezizezona zikhulu ze-R100 000 zinokuvunywa yi-AO yeSebe iWCED. Xa kusetyenziswa eli gunya, ngamagosa ajongene nalo msebenzi, makaqaphele iinkcazo (*remarks)* nemiqathango emakulandelwe yona njengoko kucacisiswe kuxwebhu i-*financial delegation* 15.1. Imiqathango yokunikwa kwezipho nguRhulumente imi ngolu hlobo lulandelayo:

a) Mazibe zezo zifunwa nezilungiselela uRhulumente ngeyona ndlela ibhetele.
b) Mazingqinelane neenjongo zeSebe iWCED.
c) Mazifake igalelo ekuphuculeni udumo negama leSebe iWCED.
d) Mazingasetyenziselwe ukukhuthaza okuyinzuzo kwigosa lona siqu.
e) Mazenziwe kuphela kwiimeko ezingenakulawuleka ngokugqithisileyo.
f) Izixa ezingaphezu kwe-R100 000 mazivunywe yiPalamente yePhondo leNtshona Koloni.
g) Izixa ezingaphezu kwe-R100 000 ngemeko nganye mazibandakanywe ngokwahlukileyo kumthetho wolwabiwo-mali waqho ngonyaka.
h) Makufumaneke imvume kaNondyebo wePhondo *(Provincial Treasury*) phambi kokuba kunikezelwe ngepropathi engenakushenxiswa njengezipho okanye amalizo.
i) Izizathu ezifanelekileyo zokunikwa ipropathi engenakushenxiswa njengezipho okanye amalizo mazingeniswe kuNondyebo wePhondo.

3.3 Ngokwe-***financial delegation no*. 15.2,** ukuvunywa kokwamkelwa **kwezipho, amalizo neenkxaso-mali ezinikwa** uRhulumente kudluliselwe **kumlawuli oyintloko**. Makuqatshelwe ukuba yonke imali eyikheshi efunyenwe njengezipho, amalizo

neenkxaso-mali mayihlawulwe kwimali eyingeniso yesebe. Amalizo alolunye uhlobo afunyenweyo makuchazwe isixa sawo yaye mawaxelwe kumphathi wee-asethi ukwenzela ukufakwa kwawo kwiRejista yee-Asethi. Imiqathango yokwamkelwa kwezipho ezinikwa uRhulumente yile ilandelayo:

a) Zonke izipho, amalizo okanye iinkxaso-mali mazihlawulwe kwingxowa yengeniso echaphazelekayo, ngaphandle kwalo malizo afunyenwe ngokwe-*NTR 21.2.5*.
b) Apho ingacacanga injongo yokusetyenziswa kwesipho, kwamalizo okanye kwenkxaso-mali, amagosa esigqeba anegunya anokwenza isigqibo sokuba zisetyenziswe njani na.
c) Zonke izipho, amalizo okanye iinkxaso-mali ezifunyenweyo ngethuba lonyaka-mali mazixelwe njengenqaku eliyinkcazelo kwiingxelo-mali zaqho ngonyaka zeziko.
d) Iingxowa-mali zamalizo ezifunyenwe ngokoMthetho we-*Reconstruction and Development Programme Fund Act, 1994 (Act 7 of 1994*), njengoko ufakelwe izilungiso, makujongwane nazo njengoko kumiselwe nguNondyebo wePhondo ngamaxesha ngamaxesha.

3.4 Onke amaxwebhu angenisiweyo ezipho, amalizo neenkxaso-mali mawenziwe kubaphathi bamacandelo abachaphazelekayo yaye ubungqina bamaxwebhu angenisiweyo agunyazisiweyo makagcinwe efayilini ukwenzela iinjongo zeerekhodi.

3.5 Njengoko iimali eziyingeniso ezifunyenweyo ziyinxalenye yolwabiwo-mali lweSebe iWCED lwaqho ngonyaka, yonke imali efunyenweyo ebantwini okanye kwimibutho nehlawulwa kwingxowa yengeniso inokuchithwa kuphela zakuba zabiwe iimali ngokoMthetho i-*Appropriation Act*, 1997 (Act 29 of 1997).

4. **Iimfuno ezimiselweyo zokunika ingxelo ngezemali**

Kubaluleke gqitha ukuba amaxwebhu angeniswayo ayintsusa agunyazisiweyo namaxwebhu axhasayo agcinwa kwiifayili ukwenzela iinjongo zokugcina iirekhodi njengoko zonke izipho, amalizo neenkxaso-mali kufuneka zixelwe kwiingxelo-mali zeSebe iWCED zaqho ngonyaka nakwiingxelo-mali zethutyana.

Bonke abalawuli abaziintloko ke ngoko kufuneka bayigcine irejista ikwifomathi emiselweyo eqhotyoshelwe apha njengesiHlomelo A, nengazo zonke iimvume ezinikiweyo ngokumalunga noku yaye makunikwe ingxelo ngazo qho ngekota kuMlawuli weCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali o.k.t. ukwenzela uMatshi, uJuni, uSeptemba noDisemba kunyaka ngamnye.

5. Nayiphi na imibuzo ngokumalunga noku inokubhekiswa kwaba bantu balandelayo kwiCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali:
UMlawuli oNcedisayo - weCandelwana loKunika iNgxelo ngoSetyenziso lweMali: Mnu MJ Comer – inombolo yefoni 021 467 2736
USekela–Mlawuli - weCandelwana loKunika iNgxelo ngoSetyenziso lweMali Mnu Z Mpisi – inombolo yefoni 021 467 2511

6. Le ngcaciso imfutshane ithatha indawo yayo nayiphi na imiyalelo yangaphambili emalunga noku.

7. Kucelwa waziswe ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuwo onke amagosa ajongene nezipho, amalizo neenkxaso-mali. Iyathakazelelwa intsebenziswano yenu ekulandeleni mbo okukule ngcaciso imfutshane.

ISAYINWE: NGU**-** LJ Ely
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2019-10 -31